Unyango

Unyango lulula: *Fumana isitofu esenza unobangela wehlwili eKliniki.*

Malunga neenkcukacha ezithe vetshe okanye imibuzo:

Haemophilia Nurses Office
Ifoni/ Ifeksi: 011 787 6710

South African Haemophilia Foundation
Judy Butler
Ifoni: 021 785 7140
info@haemophilia.org.za
www.haemophilia.org.za

Supported by an educational grant from
NATIONAL BIOPRODUCTS INSTITUTE

health
Department:
Health
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Xhosa_2012/02

World Haemophilia Day
17 April

Haemophilia

Haemophilia

iHaemophilia A kwakunye neHaemophilia B sisifo sokopha esibangwa lufuzo athi umntu abe naso ubomi bakhe bonke.

iHaemophilia A ibangelwa yintswelo yonobangela wehlwili yesibhozo [iClotting Factor VIII (8)].

iHaemophilia B okanye isifo seKrismesi ibangelwa yintswelo yolunye uhlobo lonobangela wehlwili [iClotting Factor IX (9)].

Ngaphandle kwamahlwili, ukopha akuyeki.

iiMpawu eziqhelekileyo kwakunye nezibonakalisi

Ukusukela kwiminyaka emi-2 yokuqala yobomi

- Ukopha komntwana omncinci osanda kuvela okungayekiyo ngenxa yokwaluswa okanye ukunqunyulwa kwemfesane.
- Ukugruzuka kakhulu / nokopha okungaphaya.
- Ukopha ngaphakathi emlonyeni okungayekiyo, elwimini okanye ngenxa yokwenzakala.

Ukusukela kwiminyaka emi-3 ukuya kwemi-4 yobomi

- Ukugruzuka kakhulu / okungaphaya.
- Ukopha okuzenzekelayo ngenxa yokwenzakala – ukopha kwezihlunu ezithambileyo okanye apho kudibana amathambo.

- Ubungqina bokuba wakhe wanokopha kwamalungu omzimba – ukungadibani kakuhle kwamathambo, nokuqhwalela.
- Imbali yokopha kwamalungu osapho.